Idinga

SABATHA EMVA KWEMINI

Funda Ukulungiselela Isifundo Sale Veki: *Genesis 22, Heb. 11:17, Lev. 18:21, Yohane 1:1–3, Rom. 5:6–8, Genesis 23–25, Rom. 4:1–12.*

Indima Yenkumbulo: "Ke kaloku uAbraham ebaluphele, eselekhulile ebudaleni; uYehova waye emsikelele uAbraham ezintweni zonke *(Genesis 24:1)***.**

Ekugqibeleni, njengoko uThixo wayethembisile, uSara uzalela uAbraham unyana, "ekwaluphaleni kwakhe" *(Gen. 21:2)*, waza wamthiya ukuba nguIsake umntwana lowo *(bona kwiGen. 21:1–5)*.

Kodwa ibali likaAbraham likude le esiphelweni, ukufikelela ithuba lovuthondaba ngokuthabatha kwakhe unyana wakhe aye naye kwiNtaba yeMoriya ukuba ambingelele. UIsake, noko kunjalo, indawo yakhe ithathwa yinkunzi yegusha *(Gen. 22:13)*, ibonakalisa ukuzibophelela kukaThixo ekusikeleleni iintlanga "ngembewu" yakhe *(Gen. 22:17, 18)*. Lo mbewu, eneneni, yayinguYesu *(Zenzo 13:23)*. Yiyo lo nto, kweli bali likhwankqisayo (nelihluphayo ngezinye iindlela) inkoliso yecebo losindiso ityhiliwe.

Nokuba zeziphi izifundo ezinzulu zasemoyeni apha, usapho lukaAbraham, noko kunjalo, inoba lagungqa koku, yaye nengomso likaAbraham alicacanga. USara ufa kanye emva kwedini laseMoariya *(Genesis 23)*, noIsake usala eyedwa.

UAbraham emva koko uthatha inyathelo lokuqiniseka ukuba ingomso "elililo" lakumlandela. Uqulunqa umtshato wonyana wakhe noRebeka (Genesis 24), ozakuzala oonyana ababini *(Gen. 25:21–23)*, ize uAbraham yena atshate noKeture ozakumnika abantwana abaninzi *(Gen. 25:1–6)*. Kule veki, sizakulandela uAbraham de kube sesiphelweni sobomi bakhe *(Gen. 25:7–11)*.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha, Meyi 21.*

INtaba yeMoriya

Funda: kwiGenesis 22:1-22 nakumaHebhere 11:7. Yintoni intsingiselo yolu vavanyo? Zifundo zini zakwamoya ezivela kwesi siganeko simangalisayo?

_____

_____

IGenesis 22 ibe yeyodidi ehlabathi kuncwadi lwehlabathi yaye iphefumlelwe iinkcuba-buchopho namagcisa, hayi nje abahlalutyi-buThixo. Noko kunjalo, intsingiselo yovavanyo lukaThixo kunzima ukuyiqonda. Lo myalelo ungcwele wawuphikisana nesithintelo samva seBhayibhile ngokubingelelwa kwabantu *(Lev. 18:21)*, kwaye ngokuqinisekileyo wawukhangeleka usebenza ngokuchasene nedinga likaThixo lomnqophiso ongunaphakade ngoIsake *(Gen. 15:5)*.

Yayi yintoni, ngoko, injongo kaThixo ukuba ambize enze oku? Kutheni evavanywa ngendlela emandla kangaka?

Ingcamango yeBhayibhile "ukuvavanywa" (ngesiHebhere, *nissah*) idibanisa iingcamango ezimbini ezahlukeneyo. Isingisele kwingcamango yokugweba, oko kukuthi, isigwebo sokwazi into esentliziyweni yalo uvavanywayo *(Dut. 8:2; thelekisa neGen. 22:12)*. Kodwa ikwazisa kanjalo ingqiniseko yobabalo lukaThixo endaweni yalowo uvavanywayo *(Eksod. 20:18–20)*.

Kule imeko, ukholo lukaAbraham ngakuThixo lumbeka kwinqanaba lokuba semngciphekweni wokuphulukana "nengomso" lakhe (inzala yakhe). Noko kunjalo, ngenxa yokuba emthemba uThixo, uzakukwenza oko akufunayo uThixo, nokuba kunzima kangakananina ukukuqonda xa kukonke. Kakade, luyintoni ukholo ukuba ayikokuthemba oko singakuboniyo okanye singakuqondi ngokupheleleyo?

Kanjalo, ukholo lweBhayibhile alukho kangako ngomthamo wethu wokunikela kuThixo nokubingelelela Yena-nangona oko kunendima, ngaphandle kwamathandabuzo *(Rom. 12:1)*—kodwa ngomthamo wethu wokukholosa ngaYe nokwamkela ubabalo lwaKhe lo gama siqonda indlela esingafanelekanga ngayo.

Le nyaniso iqinisekiswa kwako oko kwalandelayo. Yonke imisebenzi kaAbraham, intlaninge yezenzo zakhe ezinyamekileyo, uhambo lwakhe olubuhlungu nonyana wakhe, nkqu nokulungela kwakhe ukuthobela nokunikela oko kungcono kwakhe, nokuba ifundisa kangakanani na, zange ibe nako ukumsindisa. Ngoba? Kuba uYehova ngokwaKhe wabonelela ngenkunzi yegusha yedini elaliyinjongo, lona ngokunokwalo elalisalatha kwithemba lakhe ekuphela kwalo losindiso, uYesu.

Makube uAbraham, ngoko, wayeluqonda ubabalo. Asiyomisebenzi yethu esiyenzela uThixo esisindisayo, kodwa endaweni yoko ngumsebenzi kaThixo esenzela thina *(Efe. 3:8; thelekisa namaRom. 11:33)*, nokuba kukangakanani na, njengoAbraham, esibizelwa ukuba sikusebenzele uThixo, okuqulathwe ngokumandla zizenzo zikaAbraham *(Yakobi 2:2—23)*.

Ibali likaAbraham noIsake kwiNtaba yeMoriya lithini kuwe buqu ngokholo lwakho nendlela olubonakalisa ngayo?

_____

UThixo Wozibonela

Funda: **kwiGenesis 22:8, 14, 18. UThixo wasizalisekisa njani isithembiso saKhe sokuba uyakubonelela? Yintoni le yabonelelwayo?**

_____

_____

Xa uIsake wayebuza ngesilwanyana sedini, uAbraham wanikezela impendulo etsala umdla uThixo " 'wozibonela imvu yedini elinyukayo' " *(Gen. 22:8)*. Noko kunjalo, imo yesenzi sesiHebhere ingathetha ukuthi "uThixo uyakuzibonela ngokwaKhe njengemvu." Isenzi "ukubonela" (*yir'eh lo*) sisetyenziswa ngendlela enokuthetha "ukuzibonelela ngokwaKhe" (okanye ngokuphandle, uyakuzibonela ngokwaKhe").

Esikuboniswayo apha, ngoko, yingxam yecebo losindiso, iNkosi ngokwaYo ibulaleka ihlawula kuYo isohlwayo sezono zethu!

Funda: **kuYohane 1:1-3. Ezi ndima zisinceda njani siqonde oko kwenzekayo eMnqamlezweni, efuziselwe kweli dini le Ntaba yeMoriya?**

_____

_____

Apho, kwiNtaba yeMoriya, kude kudala kunomnqamlezo, inkunzi yegusha yedini "ibambeke ngempondo etyholweni" *(Gen. 22:13)* yayisalatha kanye kuYesu. NguYe lo "ubonwa" apha, njengoko uAbraham ecacisa kamva, "entabeni abonakala kuyo uYehova" *(Gen. 22:14)*. UYesu ngokwakhe wayekhombe kwiintetho zikaAbraham zobuprofeti: " 'UAbraham uyihlo, wagcobela ukuwubona umhla wam; wawubona ke, wavuya' " *(Yohane 8:56)*.

"Yayi kukubethelela engqondweni kaAbraham inyaniso yegospile, kanjalo nokuvavanya ukholo lwakhe, awathi uThixo wamyalela ukuba abulale unyana wakhe. Imbulaleko awayinyamezela ngexesha lee ntsuku eziyintsunguzi zeso silingo soyikekayo yavunyelwa ukuze aqonde nto kumava akhe ngobukhulu bedini elenziwe nguThixo ongunaphakade ngenxa yenkululo yomntu."—Ellen G. White, *Patriarchs and Prophets*, p. 154.

Oku kwenzeka apha kusinceda njani ukuba siqonde ngcono okwenzeka emnqamlezweni noko uThixo akunyamezeleyo endaweni yethu? Makube yintoni ukusabela kwethu koko kwenzelwe thina?

_____

Ukufa kukaSara

KwiGenesis 22:23, sibona ingxelo yokuzalwa kukaRebheka, okwandulela umtshato wexa elizayo phakathi kukaIsake noRebheka *(Genesis 24)*. Kwangokunjalo, ingxelo yokufa nokungcwatywa kwenkosikazi kaAbraham, uSara kwandulela umtshato wakhe wexa elizayo noKerute *(Gen. 25:1–4)*.

Funda: kwiGenesis 23. Msebenzi mni eliwudlalayo ibali lokufa nokungcwatywa kukaSara ekuzalisekisweni kwedinga likaThixo kuAbraham?

_____

_____

Ukukhanywa kokufa kukaSara ngoko nangoko emva kwebali ledini likaIsake kubonisa ukuba inoba wachaphazeleka sesi siganeko, esaphantsa sathatha ubomi bonyana wakhe. Ngandlel'ithile, uSara naye wabandakanyeka kolu "vavanyo" nomyeni wakhe, kwanjengokuba wayekhona kwiihambo zakhe namagqwidigqwidi akhe okholo ngamaxesha athile *(Gen. 12:11–13)*.

USara akalohlobo lomfazi owayenokuthi cwaka kwimiba ebalulekileyo okanye emphazamisayo *(thelekisa neGen. 16:3–5; Gen. 18:15; Gen. 21:9, 10)*. Akungabikho kwakhe nokuthi cwaka kwakhe, nkqu nexesha lokubhubha kwakhe okulandela eso siganeko sinika umdla, kuthetha lukhulu ngophathelela kwakhe kwiziganeko kunobukho bakhe buqu. Into yokuba ukwaluphala kukaSara kukhankanywe *(Gen. 23:1)*, ngelihlokoma ekwaluphaleni kuka-Abraham *(Gen. 24:1*), ibonisa ukubaluleka kwakhe kweli bali.

Eneneni, uSara kuphela komfazi kwiTestamente eNdala onani leminyaka yakhe likhankanyiweyo, into ebonisa ukubaluleka kwakhe ebalini. Ingqalelo yokuthengwa kwendawo yokungcwabela uSara (ugubungela inkoliso yesahluko), endaweni yokufa kwakhe, igxininisa uqhagamshelwano neLizwe leDinga.

Kakade ingcombolo yokuba wafela "elizweni lakwaKanan" *(Gen. 23:2)* iveza ukumiliselwa kokufa kukaSara kwisithembiso sikaThixo selizwe. USara ngowokuqala kwindlu kaAbraham ukufa aze angcwatyelwe kwiLizwe leDinga. Inkxalabo kaAbraham ngesiqu sakhe, " 'umphambukeli nendwendwe' " *(Gen. 23:4)*, nengxoxo yakhe ezingileyo nonyana bakaHeti, zibonisa ukuba u-Abraham unomdla hayi nje ekuzuzeni indawo yokungcwaba; koko inkxalabo yakhe ephala phambili ingokuhlala kweli lizwe unampela.

Funda kwiGenesi 23:6. Oku kusixelela ntoni ngohlobo lodumo uAbraham awayenalo? Kutheni le nto oku kubalulekile ekuqondeni oko uYehova wayemsebenzisela ukuba akwenze?

_____

Inkosikazi kuIsake

IGenesis 24 ibalisa ibali lokutshata kuka-Isake emva kokufa kukaSara. La mabali mabini ayazalana.

Funda: **kwiGenesis 24. Kutheni le nto uAbraham exhalabe ngolona hloba ukuba unyana wakhe angatshati umfazi kumaKanan?**

_____

_____

Kwanjengokuba uAbraham wayefuna ukuzuza umhlaba ukuze angcwabe inkosikazi yakhe, ngenxa yedinga likaThixo lokuba inzala yakhe izakuba neli lizwe, ngoku uyagxininisa ukuba uIsake angemi ngaphandle kweLizwe leDinga naye *(Gen. 24:7)*. Kanjalo, inyathelo likaIsake lokuzisa umtshakazi wakhe kwintente kaSara, nokuphawula ukuba uRebheka wamthuthuzela u-Isake "emva kokufa kukanina" *(Gen. 24:67)* zikhomba emva kukufa kukaSara, zibonisa intlungu kaIsake ekuphulukaneni kwakhe nonina.

Eli bali lizaliswe yimithandazo nokuzalisekiswa kwemithandazo kwaye likwatyebile ngezifundo ngomsindleko kaThixo nenkululeko yomntu. Liqala ngomthandazo kaAbraham. Ukufunga "'ngoYehova uThixo wamazulu, uThixo wehlabathi *(Gen. 24:3)*, lo mthandazo okokuqala kukuvuma uThixo ukuba unguMdali *(Gen. 1:1, Gen. 14:19)*, isingisele ngqo ekuzalweni kweminombo kaAbraham, kuquka noMesiya buQu.

Ukusingisela "'kwisithunywa sakhe"' *(Gen. 24:7)* kwalatha emva kwisiThunywa sikaYehova esaphuma ezulwini sazokuhlangula uIsake ekubulaweni *(Gen. 22:11)*. UThixo olawula elimiweyo, isiThunywa sikaYehova esangenelelayo ukuhlangula u-Isakhe, bazakukhokela kulo mbuzo womtshato.

UAbraham ulishiya livulekile, noko kunjalo, ithuba lokuba umfazi akayi kusabela kubizo lukaThixo. Enamandla enjalo, uThixo akabanyanzeli abantu ukuba bamthobele. Nangona icebo likaThixo ngoRebheka ikukulandela uEliyezere, uyayigcina inkululeko yakhe yokuzikhethela. Oko kukuthi, yayinokwenzeka eyokuba lo mfazi angafuni kuza, yaye kunjalo, wayengazokunyanzelwa koko.

Yiyo lo nto, sibona apha omnye umzekelo wemfihlelo enkulu wendlela uThixo asinike ngayo, njengabantu, intando ekhululekileyo, ukhetho olukhululekileyo, inkululeko angasoze ayinyhashe. (Ukuba ebengenza njalo, ibingasokuba yintando ekhululekileyo.) Kodwa noko kunjalo, ngandlel'ithile, phakathi kwenyaniso yentando ekhulekileyo yomntu, namanye amakhetho othusayo abantu abawenzayo ngalo ntando ikhululekileyo, sisenako ukuthemba ukuba ekugqibeleni uthando nokulunga kukaThixo, kamva, zakweyisa.

Kutheni kuthuthuzela ngeyona ndlela ukwazi ukuba lo gama ingezizo zonke izinto eziyintando kaThixo, usalawula? Iziprofeto ezifana noDaniyeli 2, umzekelo, ziyibonakalisa njani le ngongoma kuthi?

Inkosikazi kuAbraham

Funda: kwiGenesis 24:67-25:1-8. Yintoni intsingiselo yezi ziganeko zokugqibela kubomi bukaAbraham?

_____

_____

_____

Emva kokuba uSara ebhubhile, uAbraham watshata kwakhona. NjengoIsake uyathuthuzeleka emva kokufa kukaSara *(Gen. 24:67)*. Inkumbulo kaSara imele ukuba ngokuqinisekileyo yayisentsha engqondweni yeli nyange, njengoko injalo kunyana wakhe.

Noko kunjalo, intsukaphi yenkosikazi yakhe entsha ayicacanga. Into yokuba umbhali alamanise oonyana baKerute kunye noonyana bakaHagare, engalikhankanyanga igama likaKetura, ibonisa ukuba, noko kunjalo, uKetura (njengoko abanye besitsho) inganguHagare. Ikwabalulekile kanjalo eyokuba uAbraham uziphatha koonyana bakaKetura ngokufanayo nakunyana kaHagare: uyabandulula ukuphepha nayiphi impembelelo yasemoyeni aze enze umahluko ocace gca phakathi konyana wakhe noSara kunye nabanye oonyana.

Kanjalo uzinika "uIsake zonke izinto abenazo" *(Gen. 25:6)*. Lo gama "oonyana bamashweshwe wabanika izipho" *(Gen. 25:6)*. Ukwahlulwa "kwamashweshwe" kusenkuba kanjalo kuchaza ubume bukaKetura, njengoHagare, yayibobo beshweshwe. Ukuchazwa ukunoba kuko kukaKetura njengoHagare kusenokuchaza kanjalo ukusingisela okuthe cwaka kwinkumbulo kaSara njengentshayelelo kumtshato wakhe noKetura-Hagare.

Okunika umdla kukuba kwiGenesis 25:1-4, 12-18, uluhlu lwabantwana uAbraham wayenabo noKetura lunikezelwe, kwangokunjalo noluhlu lwabantwana bakaIshmayeli, zinikezelwe. Injongo yomnombo emva komtshato kaAbraham noKetura, owamnika oonyana abathandathu, ithelekiswe nabanye onyana bakhe ababini (uIsake noIshmayeli), mhlawumbi kukubonelela ngobungqina obukufuphi bedinga likaThixo lokuba uAbraham uyakuba nguyiswe wengxokolo yeentlanga.

Umnombo wesibini onento yokwenza nenzala kaIshmayeli, naye onezizwe ezili-12 *(thelekisa noGen. 17:20)*, njengoko kuzakwenzeka kuYakobi *(Gen. 35:22–26)*. Sekunjalo, kakade, umnqophiso kaThixo uzakugcinwa kwimbewu kaIsake (Gen. 17:21), hayi uIshmayeli, ingongoma leyo isiBhalo esiphuhle poqo ngayo.

Ingxelo yokufa kukaAbraham *(Gen. 25:7–11)* ethiwe tshwa phakathi kweminombo emibini ikwangqina kanjalo kwintsikelelo kaThixo. Ityhila ukuzalisekiswa kwedinga laKhe kuAbraham, elenziwa kwiintlaninge yeminyaka ngaphambili, yokuba uyakufa " 'eyingwevu enkulu' " *(Gen. 15:15)* kwaye "eneminyaka emininzi" (*thelekisa neNtshuma. 6:3)*.

Ekugqibeleni, uYehova wahlala ethembekile kwidinga laKhe lobabalo kumkhonzi wakhe othembekileyo uAbraham, okholo lwakhe ludandalaziswe kwisiBhalo njengomzekelo otshatsheleyo, ukuba ayingomzekelo *ungcono*, kwiTestamente eNdala wokusindiswa ngokholo *(bona kumaRom. 4:1–12)*.

Ingcamango Ngakumbi: Ngenxa yokuba uAbraham wayengumprofeti ongaphaya komqondo uThixo awayezakwabelana naye ngezicwangciso zaKhe uThixo wangena kumgangatho wobuntu bukaAbraham waza wabelana naye, kwinqaba elithile, icebo laKhe losindiso ngedini loNyana waKhe.

"UIsake wayengumfuziselo yoNyana kaThixo, owanikelwa ukuba abe lidini ngenxa yezono zehlabathi. UThixo wayebethelela kuAbraham igospile yosindiso emntwini. Ukuze aphumeze oku, enze le nyaniso ibe yinene kuye kanjalo nokuvavanya ukholo lwakhe, wathi makabulale unyana wakhe amthandayo. Yonke intlungu nokubandezeleka awazinyamezelayo uAbraham kwesosilingo siyintsunguzi soyikekayo zazinenjongo yokwendelisela engqondweni yakhe icebo lenkululo ngenxa yomntu owileyo. Wenziwa ayiqonde kumava akhe indlela ekwakungathetheki ngayo ukuzincama koThixo ongunaphakade ekunikezeleni uNyana waKhe ukuze afe asindise umntu kanye kwintshabalalo. KuAbraham akukho ntuthumbo yasengqondweni eyayinokulingana noko wakunyamezelayo ekuthobeleni umyalelo ongcwele wokubingelela unyana wakhe."—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 3, p. 369.

"UAbraham wayeyingwevu eseyikhulile, elindele ukufa kungekudala; noko kunjalo sinye isenzo esasisele kuye ukuba asenze ukuqinisekisa ukuzalisekiswa kwedinga kwinzala yakhe. UIsake nguye owayenyulwe lizulu ukuba uzakungena ezihlangwini zakhe njengomgcini womthetho kaThixo noyise wohlanga olunyuliweyo, kodwa noko wayengekatshati. Abemi baseKanan babezinikele kunqulo-zithixo, kwaye uThixo wayekwalile ukutshatiselana phakathi kwabantu baKhe nazo, esazi mhlophe ukuba lo mitshato izakukhokelela kukreqo. Inyange lalisoyikisela ifuthe lee mpembelelo ezonakalisayo ezingqonge unyana walo. . . . Engqondweni kaAbraham ukukhethela umfazi unyana wakhe yayingumba obaluleke ngeyona ndlela; wayenexhala lokuba atshate umntu ongazokumkhokelela kuThixo. . . . UIsake, ethembele kubulumko nothando lukayise, waneliseka ukuwuyekela kuye lo mbandela, ekholelwa kanjalo ukuba uThixo ngokwaKhe uzakukhokela kukhetho olwenziweyo."—Ellen G. White, *Patriarchs and Prophets*, p. 171.

Imibuzo Yengxoxo:

❶ Eklasini, thethani ngokulungela kukaAbraham ukubingelela uIsake. Zamani ukucinga ngohlobo lokholo olutyhilwa yile ngxelo. Yintoni ekhwankqisayo, ize kwangaxesha nye ihluphe, ngeli bali?

❷ Singathini ngentando ekhululekileyo? Kutheni le nto ukholo lwethu lungabhadlanga xa yona ingeyonyani? Mizekelo mini esinayo eBhayibhileni yentando ekhululekileyo kwaye, phakathi kwamakhetho abawenzayo abantu, iphunyezwa njani ekugqibeleni intando kaThixo?